WoH 278

Ibali leKrisimesi _ Intsikelelo yeKrisimesi

Ezobomi: Ubusuku obandulela iKrisimesi - Ibali laseAfrika

Ezomphefumlo: Intsikelelo yakho yeKrisimesi

Umbongo: UNyana weNkosi ephakamileyo

Intloko: Amathuba awodwa

Intlokwana: iKrisimesi

Isiqulatho sezobomi: Ibali leKrisimesi yaseAfrica

Isiqulatho sezomphefumlo: UThixo unenjongo ngentlungu nokubulaleka kwethu kwaye angakungciba ukophuka kwethu

Isalathiso: uMateyu 1:18-20

Ingongoma Sifundo: UYesu Kristu wazalelwa apha emhlabeni ukuze asisindise ekutyumkeni kwentliziyo yethu.

Thandokazi: Siva oHappy Christmas (isiNgesi) , mna ndithi IKrisimesi emyoli kuwe mhlobo !Elizweni lonke abantu babhiyozela iKrisimesi , ukuzalwa kukaYesu. Kutheni siziduba kangaka ngomntwana owazalelwa esitaslini samahashe ngonoquku , kwiminyaka engama 2000 yonke eyadlulayo. Hlala nathi enkqubeni uve isizathu sokonwaba okungaka.
Thembelihle: Nathi sithi Ikrismesi eyokozela amathamsanqa. Ndiyazi iyahlukahlukana kwabantetho isisiNgesi. Ndiyathemba ukuba eyakho mhlobo iza kuba ntle...
Thandokazi: Ndiyabulela Thembi.
Thembelihle: Hee..Thando , yeyiphi eyona Krisimesi ihleliyo engqondweni yakho , le ungakwaziyo ukuyilibala ndlela le owawonwabe ngayo ?
Thandokazi: Hmmm...wanobunzima ke lo mbuzo ntombi. Iinkumbulo ezininzi zethu zezobuntwana, akunjalo? Kum, iyakuba kukutyelela umakhulu notatomkhulu kwilali yakulotata. Kwakubakho into ethuthuzelayo xa usiva ivumba

ledinala yomhla weKrisimesi nokubukela umama nomakhulu besebenza kunye ekhitshini belungisa oko kutya kumnandi kuzizinto-yinto nezimuncumuncu zosuku.

Thembelihle: Ukutya kunendawo enkulu kuwo nawuphi umcimbi nokuba inkcubeko yeyiphi.

Thandokazi: Ndikukhumbula kakhulu ukupheka kwabo. Bobabini basweleka kodwa ndazinceda ngokufunda kubo bobabini iindlela neresipi zabo endazithandayo.

Thembelihle: Phofu kutheni kakade sizixakekisa ngokupheka ngeli xesha lonyaka ngathi siya elugqatsweni , nditheth'uba siphuma endleleni yethu silinge nezinye iindlela zezipheko esingazaziyo okanye esingafane sizisebenzise. Kubakho izipho,nokubuthelana ndawonye silusapho. Hlala nathi enkqubeni uzimamelele.

UMCULO

Umbalisi: Yayilusuku olwandulela iKrisimesi, ndandidakumbile kuba ubomi bam basekhaya babuphazamiseke kabuhlungu, ndandiqinisekile ukuba iKrisimesi ayisoze ifike. Lwalungekho uvuyo nochulumanco lwesiqhelo lwexesha leKrisimesi. Ndandineminyaka esibhozo kuphela kodwa ndandikhule kakhulu engqondweni. Kwilali yethu eli xesha lalibhiyozelwa ikakhulu ngabantu abahamba icawe. Yayilungiselelwa kwangoNovemba

ezinkonzweni.Sasiziva nje ngabantu abazalelwe iNkosi nyhani.Yayilixesha lokuba neendwendwe , izihlobo nezalamane. Kwakuba mnandi kube njeya. Kwakubakho inkonzo ngobusuku obandulela usuku lweKrisimesi. Andisathethi ngenyama ngakumbi ngomhla we25 kweyoMnga, iKrisimesi ukutsho, wena nkukhu, gusha, hagu, zonke zigxalathelane ukuya ezityeni zabantu bekhaya.

Kodwa kweyethu ilali, izinto zazimbi, kwakukho iimpi kusiliwa, uninzi lwethu lwabhujelwa ngabazali kolo hlaselo kuba kwakutshiswa nezindlu. Sashiyeka nomakhulu, naye wasweleka emva kwexeshana. Sakhunjuzwa ngabahambi ukuba lixesha lokonwabelana kanene eli leKrisimesi. Babevuthela amaxilongo enqwelomafutha zabo kuxokozela kamnandi, basipha nasekutyeni kwabo saqala nathi sakhululeka. Omnye ummangaliso owenzekayo ekhaya kukuba udade wethu omdala kum wayekhulelwe waza wabeleka ngobo busuku buphambi kweKrisimesi. Waqala ngoku wathetha kuba oko wathula kusukela ngokuya sasihlaselwa. Ukufika konyana wakhe, ndakuthatha nje ngendlela

yokuvuselela ithemba elalingasekho ngenxa yesimo selo xesha. Sasivuyela nobomi obutsha. Yeza mhlobo, iKrisimesi nakweyethu ilali.

UMCULO

Thembelihle: Sikwinkqubo iAmanenekazi eThemba mphulaphuli. Ulithandile ibali lethu leKrisimesi, kuba mna lindichukumise kakhulu, ndilonwabele. IKrisimesi ingaphezulu kwebali nje elimnandi, inentsingiselo ebalulekileyo kumntu nomntu. Kha utsho Thandokazi, iKrisimesi le inentsingiselo enjani ngokubona kwakho.

Thandokazi: Wakha wafumana isipho esivela komthandayo esinexabiso elikhulu kuwe? Mna sendikhe ndasiphiwa. Umhlobo wam osenyongweni uLindokuhle, wandipha isipeliti sokuqhobosha ilokhwe siyihombise ngaxeshanye. Sasibunjwe ngodongwe olucekethekileyo safana nokumila kwentliziyo. Enye into eyasenza esi sipho sisondele kum kakhulu, yincwadi eyayihamba naso inombhalo othi: **Esi sipho sibunjwe ngodongwe olulodwa oluthatyathwe kwinto eyophukileyo salungiswa sasesi sipeliti esihle. Amacala la enziwe ngqukuva aguda. Ndisibone nje ngomqondiso**

wokuba into entle ingaphuma kwinto eyophukileyo.

Lo myalezo womhlobo wam ndawuthanda kwaye usabalulekile kum nanamhla oku. Ngoba? Kuba kwakukho ixesha ebomini bam, apho ndandizifanisa nento eyophukileyo elahliweyo nje ngento engenamsebenzi. Kodwa ke ukhona umntu owandiphakamisayo, wagudisa ezi ndawo zirhabaxa, ndabumbeka ndaleli nenekazi lihle liphucukileyo ndililo namhlanje. Uyamazi ukuba ngubani loo mntu wandihlangulayo? Akekho omnye, nguYesu Kristu, uNyana kaThixo kuphela okhathalele intliziyo.
Wakha wakhangela unokrwece omhle elunxwemeni? Mna ndakhangela ndancama, akekho endamfumanayo ongophukanga. Kaloku babetheke babetheka elwandle labakhuphela ngaphandle bekrobokile. Andithi kaloku nathi bantu siyabetheka kumaza obu bomi. Kodwa phakathi kwako konke oko kophuka, umntu ufumana imfundiso yokuba kukho isizathu xa uzifumana usukuza ebomini.

Ngamanye amaxesha sukube uhlutshwa yimpilo okanye

iziingxaki zemali. Kanti intlungu iyeza nangokungafunwa okanye ukuphatheka kakubi. Nokhetho olungalungileyo nendlela esiziphatha ngayo izisa iingxaki esizibona kuzo.

Inoba yintoni bethu injongo kaThixo xa uba kwiintlungu, ubulaleka? Ufuna sibek'ithemba lethu kuNyana wakhe uYesu, ekukuphela kwakhe onokusikhulula asisindise. Emandulo engekabiphi ukuzalwa uYesu kwabhalwa la mazwi; "***Ukubamisela abanesijwili baseZiyoni, ukubanika isihombo sentloko esikhundleni sothuthu ioli yemihlali esikhundleni sesijwili , ingubo yendumiso esikhundleni somoya odambayo"***(uIsaya61:3) Yiyo ke into endiyaziyo ebomini bam - uYesu wandisindisa. Waguqula intliziyo yam yayizele uvuyo noxolo nombulelo nangona kukho amahla ndinyuka ebomini.

Yabona , yintsikelelo yeKrisimesi ke le. Sibhiyozela ukuzalwa kukaYesu emhlabeni kuba weza kusihlangula esonweni." ***Ke kaloku ukuzalwa kukaYesu Kristu kwaye kungolu hlobo, Kwathi akubon'ukuba unina uMariya useleganelwe uYosefu bengekahlangani, wafunyanwa***

emithi ngoMoya oyiNgcwele "(uMateyu 1: 18)

Unokuba uyacinga..uYesu undisindisa njani ? Ngaba uyazi ukuba kwenzeka ntoni kuye? Weva intlungu nokubulaleka ezandleni zamadoda akhohlakeleyo. UYesu kwafuneka ave ubunzima emnqamlezweni ukuze kusulwe ityala lethu. Ukukhululeka esonweni kuthetha ukuba ufumene ubomi obungunaphakade. UThixo unika esi sipho mahala kwabo abakholwayo kwiNkosi uYesu nasekubeni wasifela ukuze sibe nobomi obungunaphakade. UThixo wanyula owakhe uNyana "***Kuba uYehova endithambisele ukuba ndishumayeze abalulamileyo iindaba ezilungileyo. Undithume ukubopha abantliziyo zaphukileyo, ukumemeza inkululeko kwabathinjiweyo,ukuvulwa kwamehlo kwabakhonkxiweyo."*** (uIsaya61:1)

Ukuba iinkqwithelo zeli hlabathi zikududulela ekubeni unikezele, ndikucebisa ukuba uthathe intsikelelo yosindiso kaBawo eyeza ngokuzalwa kukaYesu ngeKrisimesi, nje ngentuthuzelo ye ntliziyo yakho eyaphukileyo. Ngoku mxelele uBawo ukuba ufuna

ukukhululeka esonweni ucele uYesu abe yiNkosi noMsindisi wakho. Mbulele kananjalo ngesipho sobomi obungunaphakade .Masithandaze

Bawo wethu osezulwini, ndiyakubulela ngomhlobo wam osentlungwini. Mncede ngothando nemfesane yakho amthembe uYesu nje ngeNkosi noMsindisi wakhe. Mhlangule esonweni sakhe. Umthuthuzele kwintlungu nokophuka kwakhe. Mhlambulule uze umxolele Bawo. Mbonise ubulungisa bakho ngalo mzuzu nakwiintsuku ezizayo.Enkosi ngesithembiso sakho sokuzisa okuhle eluthuthwini. Ndiyazi ukuba ufuna ukwenza into entle ngobomi bakhe. Nceda, Bawo,mnike ubulumko namandla okukulandela zonke iintsuku zobomi bakhe. Mzalise ngovuyo,ithemba noxolo. Ndiyakubulela ngokuthembisa ubomi banaphakade kwabo abakholwayo. Sithandaza eGameni likaYesu.Amen.

UMCULO

Thandokazi: iAmanenekazi eThemba ithi kuwe nenekazi, iKrisimesi emyoli. Intsikelelo engako esayizuza ngokuza kukaYesu eyinyama emhlabeni ukuze abe nokusihlawulela ityala lethu emnqamlezweni.

Waphila phakathi kwethu iminyaka engama33, baza ubomi bakhe baguqula indlela yethu umphelo.

Thembelihle: Ubomi bukaYesu yayibobokupha nokuzincama.Yabona , uThixo uNgcwele , akabunyamezeli ubugwenxa. Makhe sithethe inyaniso, asithandi ukwenza nokucinga okungalunganga kodwa asizincedi, sizelwe ngolu hlobo. UMdali uyakwazi oku,yiyo le nto wagqiba ekubeni asihlangule kuthi nezinto esizenzayo ezimbi.

Thandokazi: UBawo wasithumelela uNyana wakhe xa ebona le mbutye siyenzayo ngobomi bethu. Wasihlawulela isono sethu uYesu ukuze sifumane uxolelo lukaThixo sibe nokuphila ubomi naphakade.

Thembelihle: Iindaba ezimnandi zeKrisimesi kukuba uMsindisi wethu, uYesu Kristu, wazalwa eyinyama kudaladala ukuze aphile phakathi kwethu aze asisindise esonweni sethu nasekufeni.

Thandokazi: Ukuba ufuna ukwamkela isipho esikhulu sikaThixo kule Krisimesi, masithandaze kunye ngoku.

Thembelihle: Siyakubulela Bawo ngesipho esingummangaliso uYesu owasizisela sona ngeKrisimesi kudala.. Ndikubulela nangeendaba

ezilungileyo zokuba uYesu undithulele umthwalo wesono ngokubethelelwa emnqamlezweni afe. Ndithembele kuye. Ndifuna ubomi obutsha andinika bona, ndiyabamkela nje ngesipho esisodwa, esibalulekileyo seKrisimesi namhlanje. Amen.

Thandokazi: Mhlobo, ndiyathemba ukuba ubunathi xa besithandaza. Mamela xa sikunika idilesi ekupheleni kwenkqubo ze usibhalele xa kukho into ofuna ukwabelana nathi ngayo. Kude kube lixesha elizayo. Sala kakuhle mphulaphuli.

BOBABINI: iKrisimesi Emyoli!